Isalathiso: 20210331-1986
Inombolo yefayili: 12/12/10/2
Imibuzo: DD Louw

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loCwangciso loLawulo nokuPhathwa kwamaZiko: 0001/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente

Isihloko: Isikhokelo senkqubo engokunikezelwa kweencwadi kwibhunga lolawulo elisandula ukunyulwa

1. ICandelo 19(2) loMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996), njengoko ufakelwe izilungiso, lifuna ukuba inqununu namanye amagosa ancedise amabhunga olawulo ekwenzeni imisebenzi yabo ngokungqinelana nalo Mthetho.

2. Imigaqo i-*Procedures for the Establishment and Election of Governing Bodies at Public Schools Regulations, 2021,* ehlaziyiweyo, njengoko ipapashwe kwi*Gazethi esiSongezelelo yePhondo* No. *8398* yange-12 Matshi 2021, ifuna ukuba inqununu mayibize intlanganiso yokuqala yebhunga lolawulo elisandula ukunyulwa zingadlulanga iintsuku ezilishumi emva konyulo nakwiintsuku ezintlanu emva kokuba yazisiwe, ngencwadi ebhaliweyo, ligosa lonyulo lesikolo (*school election officer*) ngomhla wonyulo namagama kunye needilesi zabantu abanyulwe njengamalungu.

3. Inqununu kufuneka ibambe intlanganiso yaye ibe ngusihlalo wentlanganiso phakathi kwamagosa asesikhundleni ebhunga lolawulo eliphumayo kunye namagosa asesikhundleni ebhunga lolawulo elisandula ukunyulwa, ekufuneka ibanjwe zingadlulanga iintsuku ezisixhenxe zentlanganiso yokuqala yebhunga lolawulo elitsha ukulungiselela ukuba ukunikezelwa kweencwadi kuqhubeke.

4. Inqununu, engummeli ngokwaseburhulumenteni weNtloko yeSebe leMfundo elenza inkonzo kwibhunga lolawulo, kufuneka iqhube inkqubo yokunikezelwa kweencwadi ngokuzinikezela ngokusesikweni zonke iifayili zolawulo ezichaphazelekayo kwibhunga lolawulo elitsha nokuqinisekisa ukuba kukho imimiselo yezolawulo efanelekileyo ejoliswe ekuzinziseni iinkqubo zolawulo nokuphathwa kweerekhodi. Inqununu kufuneka, kwakule

ntlanganiso inye, iqhube iseshoni yokwaziswa ngomsebenzi (*induction*) amalungu amatsha yaye iphendule nayiphi imibuzo ibhunga lolawulo elitsha elinokuba nayo.

5. Isatifikethi esingokunikezelwa kweencwadi (isiHlomelo A), esisayinwe ngusihlalo ongenayo kunye nophumayo masizaliswe sigcinwe ngokunqatyisiweyo esikolweni.

6. Kukhunjuzwa iinqununu ukuba kwenziwa uphicotho-zincwadi kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni qho ngonyaka, yaye ubungqina benkqubo kanye yokunikezelwa kweencwadi mabubhalwe yaye burekhodwe kakuhle kwimizuzu yentlanganiso.

7. Kucelwa ukuba kwaziswe okukule ngcaciso imfutshane amalungu amabhunga olawulo aphumayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOQUQUZELELO NOPHUHLISO LWAMAZIKO
UMHLA: 2021-04-20